Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2017

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P2
# IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 70**

Le memorandam inamaphepha asi – 7

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)

## VULEKA MHLABA: NCEDILE SAULE

1.1 1.1.1 ECassablanca Tavern, eParow. ✓ (1)

1.1.2 IseKapa. ✓ (1)

1.1.3 Igama lalo mntu nguDora/NguBandlakazi ✓ (1)

1.1.4 UJolela wayeligqwetha ✓ (1)

1.1.5 NoNgalo naye uligqwetha elona liphambili kweli tyala. ✓ (1)

1.1.6 Ungumxhasi kaBantu. ✓ Kuba nguye ovelela uBantu ejele/ ikwanguye nofunele uBantu igqwetha ✓ (2)

1.1.7 (a) Sisaci. ✓ (1)
(b) Usinde kancinci ✓✓/ Usinde ngokulambisa ✓✓/ Usinde chebetshu. ✓✓/ Uphantse wabanjwa ✓✓ (2)

1.1.8 Eli binzana lithetha ukubulala ngendlela enobuchule. ✓✓/
Lithetha ukuplana ukubulala umntu okukwiqondo eliphezulu. ✓✓ (2)

1.1.9 Sesilungileyo, kuba umntu obuleleyo kufuneka efe ngale ndlela abulele ngayo ✓✓/
Umntu obuleleyo naye kufuneka ave ubuhlungu obufanayo nalo mntu ambuleleyo. ✓✓

**OKANYE**

Asilunganga, kuba sukube ngamanye amaxesha kukho isizathu esivakalayo ✓✓/ Isigwebo sentambo sapheliswa kwilizwe loMzantsi Afrika.✓✓/
Asiyonto imnandi into yokubulala umntu kuba nalo ubulalayo uba netyala lokubulala. ✓✓ / Kungathi kanti kwabulawa umntu ongenatyala ngenxa yokusilela kobuchule bokuphanda ✓✓ (2)

1.1.10 Kwenze ukuba ubomi bukaBantu butshintshe bube bubi kuba ulibanjwa. ✓✓/ UBantu uphele engonwabi emana engathi uyaphambana. /✓✓ UBantu uye wajongwa kakubi ngabantu bemjonga njengombulali. ✓✓ / Siye sathobeka isidima sikaBantu ✓✓/ Kuye kwafuneka ukuba aziphandele ukuhlamba igama lakhe. ✓✓ (2)

1.11 Ukuqala kwencwadi. ✓/ Ingabula zigcawu. ✓ (1)
**[17]**

## ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 Babeseofini kaMazwi. ✓ (1)

1.2.2 Babebizwa ngokuba ngamagoduka. ✓ (1)

1.2.3 1. Ukuselwa kotywala ✓/ ukuthandwa kwemali. ✓ (1)

1.2.4 Sihambelana ngokuthi uJolela umntu womthetho avele elubala esenza izinto ezibanga ukuba abantu bothuke ukuba kanti nabo bayawenza amanyundululu befanele ukuba bakhusela abantu ngoku unentloni ufuna umhlaba uvuleke azifihle ✓✓/ Sihambelana ngokuthi uJolela ubahlazile abantu bomthetho ubenze ukuba bangathenjwa luluntu kuba nabo baziingcuka ezambethe ufele lwegusha. ✓✓. Sihambelana ngokuthi uwuhlazisile umthetho kwaye inyani ayifihlakali kuphele. ✓✓

[Nayiphina enye kwezi zingentla ] (2)

1.2.5 Kukutyholwa ngokubulala umfazi wakhe nto leyo angakhange ayenze. ✓✓ /Wayefuna ukuhlamba igama lakhe afumane umbulali ✓✓ /Wayefuna ukubuyisela isidima sakhe kuba akanguye umbulali. ✓✓ (2)

1.2.6 Kusisigqebelo ngokuthi umntu womthetho ebekufanele ukuba akhusele ulwaphulo lomthetho, suka ibe nguye uqobo owaphulayo. ✓✓ (2)

1.2.7 Zivezwe ngokuba ukukrexeza emtshatweni kuneziphumo ezibi. ✓✓ Ukunganyaniseki nokungathembeki emtshatweni kungangunozala wengxaki ✓✓/ Ukufaka umntu wesithathu emtshatweni wakho ngunozala wengxaki emtshatweni. ✓✓/ Ukusela utywala ungumntu obhinqileyo otshatileyo kuza nengxaki emtshatweni ✓✓ (2)

1.2.8 Oku kweenyosi. ✓Isifaniso ✓. (2)

1.2.9 Kungenxa yokuba uJolela wayesulele uDlamini ngetyala lokubulala uDora umfazi kaBantu. ✓ Wayezama ukucima ubungqina. ✓ (2)

1.2.10 Le ncwadi isifundisa ukuba abantu abaphula umthetho ngaba kanye bafanele ukuba bangabangcini bawo. ✓✓/ Utywala bungunozala wengxaki ezininzi ebomini/ Imitshato iyaqhawuka ngenxa yotywala. ✓✓/

[Nayiphina echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

1.2.11 Bantu. ✓ (1)

**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B

## IDRAMA: IDAYIMANI ICHOLWA ELUTHULINI: ZAMA .A. JAPHTA

### UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

2.1 2.1.1 Lukhanyo kwaPeyini ✓ (1)

2.1.2 NguMnu. Ntsasa. ✓ (1)

2.1.3 Wayenengxaki yokunxila ngexesha lempangelo ✓✓/ Wayenengxaki yokungaphangeli ngenxa yokunxila ✓✓/Wayenengxaki yokungakwazi ukugcina imali ✓✓ (2)

2.1.4 Wadibana naye etywaleni kwaNomthombo ✓ (1)

2.1.5 Inqununu yathi kuye imyala okokugqibela, nto leyo ecacisa ukuba kudala esona. ✓/ Kudala ndikumela ekomitini nasebahlolini ✓ (1)

2.1.6 Yindlela amngxolisa ngayo nokusoloko embiza kwedini. ✓ (1)

2.1.7 Kwinqanaba lokujiya kwezinto. ✓ (1)

2.1.8 Impixano yangaphandle. ✓ Indlela alixhiphula ngayo iphepha kunye nomsindo ✓ (2)

2.1.9 Yayinqununu ewukhathaleleyo umsebenzi wayo. ✓✓/ Ikamva labantwana emfundweni ilikhathalele. ✓✓ / Enyamezelayo kwaye enyanisekileyo nenentliziyo entle. ✓✓ (2)

2.1.10 Uphoxe uMnu. Ntsasa kwisigqibo ebebenaso sokususa uMfanelo esikhundleni sakhe sobutitshala kungene umtshana kaMnu. Ntsasa ✓✓/ Ubesoloko emmela kubahloli nasekomitini ukuba angagxothwa kuba esazi utata kaMfanelo. ✓✓ (2)

2.1.11 Ukunxila kwakhe kungabangela nabantwana banxile xa bebadala. ✓✓/ Ukungaphangeli kwakhe kungenza abafundi basiyeke isikolo ✓✓ (2)

2.1.12 Ndandinokucela ukuba abazali bakhe bamse kwindawo ezinceda abantu abanengxaki yotywala. ✓✓/Ndandinokucebisa ukuba atshintshe nendawo yokuhlala ukuze akhe abe nezihlobo ezitsha ohlukane nendawo yakwaNomthombo abe kude kuyo, ndincedisane naye ndingamncami. ✓✓ (2)

**[18]**

**ISICATSHULWA B**

2.2 2.2.1 Igama lelali yiSt. Marks. ✓ (1)

2.2.2 YayinguSaziso✓/ uSolomzi. ✓ (1)

2.2.3 Wayefuna bagqibezele ingxoxo yabo yangephezolo. ✓ (1)

2.2.4 Umama kaMfanelo wayengamfuni uNonkuthazo ebomini bukaMfanelo. ✓✓ (2)

2.2.5 Wamphucula uMfanelo wayindoda enesidima . ✓✓/ UNonkuthazo wayecebisa uMfanelo ukuba makatshintshe abe ngomnye umntu. ✓✓/ Wayemcebisa ukuba makayeke utywala ✓✓/ Wayemcebisa ukuba makaphangele. ✓✓ (2)

2.2.6 Babefanelene kuba uthando alunamlinganiselo okanye mkhethe ✓✓/ Uthando alujongwa ngemfundo. ✓✓

**OKANYE**

Babengafanelana kuba ukungafundi kukaNonkuthazo babusenza ukuba uMfanelo axoxiswe. ✓✓/ Wayesoloko ehletywa uNonkuthazo nokuthandana kwakhe netitshala engafundanga ✓✓ (2)

2.2.7 Sichaneke kakuhle kuba ebomini umntu ongajongelwanga ntweni uyakwazi ukwenza izinto ezakha isizwe. ✓✓/ Umntu uyakwazi ukuphumelela nangona esuka kwindawo ejongelwe phantsi .✓ ✓ (2)

2.2.8 Ukuveze njengombulali wesizwe ✓✓/ Ukuveze njengomdibanisi wabantu. ✓✓ Ukuveze njengento ebambezela inkqubela phambili yoluntu. ✓✓ (2)

2.2.9 Into entle ifumaneka endaweni engacacanga. ✓✓ / Umntu angancedakala kumntu ongalingani naye ngemfundo ✓✓/ Uthando lwabantu ababini lufanele bona omnye umntu akangeni ndawo. ✓✓ (2)

2.2.10 (a) Liqhalo. ✓
(a) Umntu uzigwagwisa ngemisebenzi emihle ✓ (2)

**[17]**

## ICANDELO C

## IMIBONGO: ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA: P.N.GIDI

3.1 3.1.1 Umbongo ongothando ✓ (1)

3.1.2 Iimvano ziqalo. ✓ (1)

3.1.3 Kungokuba luyatshintsha aluhlali lukwimo enye oku kwemo yezulu ✓✓ (2)

3.1.4 Kufuneka abantu bangazithatheli phezulu izinto zothando✓✓/ Uthando lufuna umntu othobileyo. ✓✓ (2)

3.1.5 Ulonwabo nonxunguphalo✓/ ibhetyebhetye nomqolo✓ Uchasaniso. ✓ (2)

3.1.6 Umqolo ilungu lomzimba. ✓ Umgca obhaliweyo encwadini ✓ (2)

3.1.7 Ayomelelanga✓/ Ingaphuka msinya. ✓ (1)

3.1.8 Luxwaya ✓ (1)

3.1.9 Emangcwabeni ✓/B ✓ (1)

3.1.10 Qoko ✓ Umfanekiso ntekelelo womntu ozithembileyo ome nkqo ongagungqiyo. ✓ (2)

3.1.11 Uthando lungunobangela wokutshatiselana kwamaAfrika✓/ ukwendiselana. ✓ (1)

3.1.12 Zimbini. ✓ iErosi kumaGrike. ✓ (2)

**[18]**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 3.2 | 3.2.1 | Lilizwe labantu abamnyama ✓/ Lilizwe labantu abantsundu | (1) |
| | 3.2.2 | Amadlelo aluhlaza. ✓/<br>Ukuchuma kwamasimi ✓/<br>Inkomo ziyehlisa ✓/ zibhonxile<br>Kukho inyama eninzi ✓/ imiDaka idla amasi✓/ bayachininika kukutyeba✓/ Kukho imigodi yegolide ✓<br><br>[Naziphi iimpendulo eziMBINI kwezi] | (2) |
| | 3.2.3 | Ityholo yimithi emifutshane emininzi exineneyo ndawoninye. ✓<br>Ihlathi yimithi emide engaxinananga nekuthi kwakhiwe ngayo ✓ | (2) |
| | 3.2.4 | Beza ngenxa yezenkolo okanye ulwabiwo lwamazwe emva kwemfazwe yokuqala ngenxa yezoshishino ✓✓ | (2) |
| | 3.2.5 | (a) njengentlabathi ✓✓ | (2) |
| | | (b) Uthetha ubuninzi babantu ✓ | (1) |
| | 3.2.6 | B/ukubona ✓ | (1) |
| | 3.2.7 | Kungokuba imbongi isithi i-Afrika iwodlula onke amazwe ngobutyebi. ✓✓ | (2) |
| | 3.2.8 | UbuAfrika abuhambisani nezinto ezingalunganga√√/ i-Afrika mayikhanye ✓✓/ Ukukhumbuza ama-Afrika ngobuzwe✓✓/ Ukukhuthaza ukuba i-Afrika mayikhanye ihambele phambili. ✓✓ | (2) |
| | 3.2.9 | Afrika ulikhaya ✓/Afrika ulilo ikhaya ✓<br>Kubethelelwa ingcamango yobuqilima bekhaya eliyiAfrika ✓<br>Kugxininiswa ukuba alikho elinye ikhaya lamaAFRIKA ngaphandle kwelizwe i-Afrika ✓ | (2)<br>**[17]** |

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**